Isalathiso: 20170203-7986
12/2/10/3
Imibuzo: J Pheiffer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0004/2017

Iya KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beze-*ECD* nakwiiNqununu zamaziko e-*ECD*

Isihloko: ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED* yamaziko karhulumente kunye nazimeleyo ophuhliso lwabantwana abaselula (*ECD*)

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED* yamaziko emfundo yabantwana abaselula (*ECD*) iya kuqhutywa ngowe-**07 Matshi 2017**. Le saveyi iya kusebenza kwi-*CEMIS* ngowe-**22 Februwari 2017**. Iinqununu kuya kufuneka zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi kwi-*CEMIS*. Kucelwa uqinisekise ukuba oku kulandelayo kubhalwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-**07 Matshi 2017**:

1.1 Abafundi bakumabakala, kwiiklasi nakumacandelo e-*LoLT* achanekileyo.
1.2 Iilwimi zeenkobe zabafundi zitshekishiwe yaye zihlaziyiwe.
1.3 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).
1.4 Ufakelo lwezilungiso okwenziwe zizikolo kugqityiwe – apho kuyimfuneko.
1.5 Izikrini zokufaka ii-*general information capture screens*, kuqukwa nemibuzo ngokhuseleko lwezikolo, zigqityiwe ngokunjalo.
1.6 Ukuze umfundi abe nokubhaliswa kufuneka abe nenombolo ye-*ID*.

2. ISaveyi yaQho ngoNyaka ikwafuna ukuba amaziko e-*ECD* ikwafuna ukuba izikolo zihlaziye ingcaciso engootitshala/engeeprakthishina zize zifake ingcaciso epheleleyo kwizikrini. Lo msebenzi kufuneka usayinelwe ungadlulanga owe-**07 Matshi 2017** ngokuthi kuqinisekiswe le miba ilandelayo:

2.1 Zihlaziyiwe iinkcukacha zootitshala/zeepraktishina ezimalunga neminyaka yamava, namabakala kunye nezifundo abazifundisayo ngo-2017 kuphela (mazisuswe iinkcukacha zamabakala nezezifundo ebezifundiswa kwiminyaka edlulileyo ukuba azifanele kuba kumthwalo womsebenzi katitshala/weprakthishina ka-2017).
2.2 Zigqityiwe izikrini zootitshala abatsha ukulungiselela ukungqinisiswa kwezikrini ebesele zinedatha ziyahlaziywa (*pre-populated screens*), umz. iifizi zezikolo neetheyibhile zeziseko zophuhliso (*infrastructure tables*).

2.3 Ingcaciso mayisayinelwe kwangethuba ukuvumela abaphathi be-*ECD* ixesha elifanelekileyo ukufunda, ukungqinisisa nokusayinela iinkcukacha ezifakiweyo.

3. Njengegosa le-*EMIS* leziko, inqununu mayizilawule iinkqubo zokufaka idatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa neesiginitsha zabasebenzi ekugqithiselwe kubo amagunya okutshekisha idatha bunokuvezwa xa bufunwa ngabaphicothi-zincwadi. Mayirekhodwe inkqubo yomsebenzi wokufaka idatha ye-*EMIS* (*EMIS data business process*) ukuqinisekisa ukuphendula kwabathwele uxanduva lokuchaneka kwedatha, njengoko le ngcaciso inokuphicothelwa ukuchaneka kwayo. Kucelwa nifunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2012, ukufumana ingcaciso engaphezulu.

4. Kunyanzelekile ukusetyenziswa kwenombolo yesazisi kazwelonke (*national identity number*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zezolawulo nokuphathwa kwezikolo. Ikho ingxelo ye-*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela ukuba abafundi abangenazimbolo zesazisi nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi evunyiweyo (*valid ID number*)), makucetyiswe umzali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Kucelwa iinqununu zibancedise abazali apho kunokwenzeka, ukuququzelela le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

5. Ngokumalunga nemibuzo okanye iifoni zokucela uncedo zinokubhekiswa kumphathi we-*ECD* okanye umntu wokunika inkxaso kwezobugcisa kwisithili eso sichaphazelekayo:

ISithili	**Qhagamshelana no-**	**Isikhundla akuso**	**Ifoni**
ISithili i*Cape Winelands*	Madelein Siddle	UMphathi weze-*ECD*	023 348 4608
	Hazel van Rooyen	INkxaso yezoBugcisa	023 348 0646
ISithili i-*Eden and Central Karoo*	Lucretia Roux	UMphathi weze-*ECD*	044 803 8314
	Clementine Hartnic	INkxaso yezoBugcisa	044 803 8300
ISithili i*Metro Central*	Asinamntu	UMphathi weze-*ECD*	021 514 6929
	Kyle Williams	INkxaso yezoBugcisa	021 514 6946
ISithili *iMetro East*	Michele Liedeman	UMphathi weze-*ECD*	021 900 7221
	Linda Ntlombeni	INkxaso yezoBugcisa	021 900 7222
ISithili i*Metro North*	Zaida Davids	UMphathi weze-*ECD*	021 938 3013
	Neil Anthony	INkxaso yezoBugcisa	021 938 3013
ISithili i*Metro South*	Carmen Niekerk	UMphathi weze-*ECD*	021 370 2004
	Charnique Neethling	INkxaso yezoBugcisa	021 370 2004
ISithili i-*Overberg*	Lynn le Grange	UMphathi weze-*ECD*	028 214 7378
	Molene Jantjies	INkxaso yezoBugcisa	028 214 7360
ISithili i*West Coast*	Sally Meyer	UMphathi weze-*ECD*	021 860 1202
	Lorenzo Veroni	INkxaso yezoBugcisa	021 860 1202

6. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yabo bonke abachaphazelekayo.

ISAYINWE: NGU- HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-02-16